

THETHA NGE-CORONAVIRUS /I-COVID-19

Intsholongwane esanda kufunyaniswa igulisa abantu abaninzi. Abantwana nabantu abadala kumele batshintshe iindlela abenza ngazo izinto ukuze balwe ukunwenwa kolosuleleko. Ingaba oku kubuchaphazela njani ubomi babantwana bamihla le kunye nempilo yabo jikelele?

Injongo

Kwezi zifundo, abantwana baye bacinge malunga nendlela yokuzikhusela bona kunye nabanye kwi-coronavirus/kwi-Covid-19. Bakwahlola kwaye bacingisise ngendlela abanokwenza izinto ngayo xa behlala kwiindawo ezincinci kwaye/okanye xa bengakwazi ukufikelela lula kumanzi etepu okanye kwisepha.

Ixesha eliqikelelwayo

Isifundo esi-1-2.

Amalungiselelo

Khuphelela abantwana eli phepha lenkcazelo malunga ne-corona/ne-Covid-19, okanye sebenzisa inkcazelo ehambelelanayo ekwi-intanethi.

Izinto zokusebenza

Iphepha lenkcazelo

Amabali kwi-Globe, okanye kwi-intanethi

Imibuzo nge-Corona/nge-Covid-19


ISIFUNDO: UKUTHETHA NGE-CORONAVIRUS/NGE-COVID-19

Yithi abafundi baxoxe ngokusekelwe kumfuziselo waMaceba oKuthetha kunye nemibuzo oyinikezelayo, umbuzo ubemnye ngexesha. Amaceba oKuthethaanceda ukuqinisekisa ukuthatha inxaxheba komntu wonke ngokulinganayo kube ngaloo ndlela bonke abafundi bayaqeqeshwa ukuba basebenze ngendlela enedemokhrasi.



1. Qalani ngokujonga le nkcazelo ye-coronavirus/ye-Covid-19 ninonke. Imalunga neendlela ezahlukileyo zokuzikhusela nokukhusela abanye, kodwa ikwamalunga nangokunwenwa koondiva, impilo yezengqondo, nokuba abantwana banamalungelo nakwiimeko zengxubakaxaka.
2. Yahlula iklasi ibe ngamaqela anabantu abane. Beka iqela ngalinye ngendlela abazakuthi babonane omnye nomnye. Ingxoxo yenziwa kwiqela ngalinye ngale ndlela ilandelayo:
3. Umfundi ngamnye unikwa ikhadi/iceba elinombala.
4. Nika amaqela umbuzo/isihloko esinye sokuba baxoxe ngaso.
5. Bachazele ukuba xa umfundi efuna ukuthetha, ubeka ikhadi/iceba lakhe esizikithini.
6. Umfundi angenza nje amazwana ambalwa okanye anabe, avumelane nobethetha ngaphambili okanye ongeze into entsha. Akukho mntu kufanele athethe okanye aphazamise xa lo mfundi ubeke ikhadi lakhe esizikithini esathetha.
7. Abafundi bavumeleke ukuba babeke ikhadi labo okwesibini kuphela emva kokuba bonke abafundi abakwiqela bethe babeka amakhadi abo.
8. Qhubeka de wonke umntu abe uwasebenzise onke amakhadi akhe.

Imizekelo – imibuzo



- Yintoni eyona nto ibalulekileyo ukuze ungosuleleki okanye ube semngciphekweni wokosulela abanye?
- Kutheni kubaluleke ngokukodwa ukukhusela abantu abasebebadala kunye nabantu abasebenezigulo ezimandundu?
- Thelekisa nobomi bangaphambi kwe-coronavirus: Yintoni umahluko kwindlela esinxibelelana ngayo omnye nomnye?
- Ikuchaphazela njani imigaqo yalapho uhlala khona? Ukhe wanyanzeleka ukuba uyeke ukwenza into oyithandayo?
- Abantwana abaninzi bahlala kwiindawo ezinamakhaya axineneyo ngabantu, ngamanye amaxesha bahlala nezinye izizalwane. Ngoko ke, yintoni ekumele umntu ayenze ukukhusela abantu abasebebadala okanye abo banezigulo ezimandundu?
- Abazali abaninzi baxinzeleleke engqondweni yi-coronavirus/yi-Covid-19. Abanye basenokungakwazi ukuya emsebenzini. Ingaba uxinzelelo lwengqondo kunye nexhala labazali lungabachaphazela njani abantwana babo?
- Baninzi oondiva abatyhutyhayo malunga ne-coronavirus kunye ne-Covid-19. Ingaba ukhe weva nantoni na ekuxhalabisayo?
- Iindaba zikamabonakude nezereidiyo zimalunga ne-corona ngoku. Ingaba le nto ikuchaphazela njani wena nendlela oziva ngayo?

